




Ukulima




NguAsanda Sobuza



Uyazi zilinywa okanye zikhuliswa njani izityalo?

Ukulima nokukhulisa izityalo kudinga ulandele amanyathelo ohlukeneyo. La manyathelo abandakanya ukulungisa umhlaba, ukuhlwayela imbewu, ukuhlakula ukhula, ukunkcenkceshela nokuvuna. Ngaphandle kwala manyathelo, izityalo zisenokungakhuli kakuhle.





Ukulungisa umhlabo

Umhlabo nguvimba wazo zonke izinto ezifunwa zizityalo ukuze zikhule. Izondlo, umoya namanzi. Umhlabo ukwaxhasa iingcambu zezityalo. Phambi kokutyala imbewu, kudingeka umhlabo uhlakulwe ulungiselelwwe ukulima. Oku kwensiwa ngemihlakulo, iifotsholo, amagaba, neeharika. Maxa wambi xa kuza kutyalwa entsimini kusetyenziswa amakhuba arhuqwa ziinkomo okanye ziiteletele.



Kubalulekile ukulima kumhlaba ofumileyo ungabi manzi. Kaloku xa umhlaba ulinywe umanzi uba rhabaxa xa sele womile.

Phambi kokutyala umhlaba uyacocwa ulaliswe ulingane kusetyenziswa iharika. Ukuharika kususa zonke iintonga, amatye nokhula olunokuthi lumphazamise ukukhula kwezityalo.

Ukulungisa umhlaba ngokufanelekileyo kwenza ukuhlwayela imbewu kube lula.




5



Ukuhlwayela imbewu

Ukuqjinisekisa ukuba ufumana isivuno esihle, khetha imbewu esemgangathweni. Oku kwenziwa ngokufaka imbewu emanzini. Imbewu embi idada phezulu ize leyo isemgangathweni izike. Ungahlwayelwa imbewu usebenzisa izandla okanye izixhobo ezohlukeneyo. Ezinye zezi zixhobo ziquka isixhobo esimile okwe fanele. Senzelwe ukuba ufake imbewu kumbhobho onencam etsolo phambi kokuba uyifake emhlabeni.

Kubalulekile ukuvula isithuba esingumgama ofanelekileyo phakathi kwembewu. Oku kuqjinisekisa ukuba izityalo azixinani kuzivumele ukuba zifumane ilanga, izondlo namanzi ngokwaneleyo.





Ukuhlakula ukhula

Xa izityalo zikhula, kuqhelekile ukufumana ukhula lukhula kune nazo. Ukhula zizityalo ezingafunekiyo ezikhula kwindawo engafanelekanga eziye zifuthanisele izityalo zingakhulu kakuhle. Ukhula lufumaneka esitiyeni nasentsimini ngoko kubalulekile ukuba zisiphulwe neengcambu zazo. Kungenjalo zikhuphisana ngezondlo, amanzi nokukhanya kwelanga kwezityalo zizixine okanye zizirhaxe. Abalimi basebenzisa iindlela ezahlukileyo zokususa ukhula. Enye yezi ndlela kukusebenzisa izibulali zinambuzane namichiza okufefwa ngawo.






Ukuchumisa umhlaba

Ukutyala nokuhlakula kodwa akonelanga ukuze zikhule izityalo. Ezinye zezinto ezidingekayo ukuze umhlaba ukwazi ukuvelisa izityalo ngumquba nezichumisi. Umhlaba ongondlekanga kakuhle uye udinge izichumisi ngakumbi. Ukuba umgquba awugalelwanga ngexesha, iziphumo zibonwa kwizityalo nesivuno esibuthathaka. Abalimi baye bagalele umgquba abawufumana kumafama akufutshano okanye leyo ithe yenziwa ngoososayensi kumaziko oshishino.



Ukunkcenkceshela

Zonke izidalwa eziphila emhlabeni zidinga amanzi. Kwanazo izityalo ziwadinga ukuze imbewu ikwazi ukuvelisa iziqhamo. Kubalulekile ukugcina ukufuma komhlaba, igadi okanye intsimi ngokunkcenkceshela kuba kuye kube nzima ukuvelisa isityalo xa uthe woma. Isityalo ngasinye sisebenzisa amanzi ngokwahlukeneyo. Ezinye izityalo zidinga amanzi amaninzi kunezinye. Izityalo ezininzi zidinga amanzi amaninzi ehlotyeni ngenxa yobushushu belanga. Amanzi okunkcenkceshela afumaneka kwimithombo, amaqla, amachibi, kwiimpompo, amadama nemisele.





Ukuvuna kunye nokugcinwa kwesivuno

Ukuvuna yinkqubo yokuqokelela isivuno esivuthiweyo. Iindlela zokuvuna ziquka ukusetyenziswa kwezandla, amarhengqe, noomatshini bokuvuna. Emva kokuvuna, izityalo kudingeka zigcinwe koovimba abakhuselekileyo. Ngamanye amaxesha izityalo zigcinwa ixesha elide. Kuye kunyanzeleke ukuba zikhuseleke ebumanzini, kwizinambuzane nakwiimpuku de kufike ixesha lokuba zisetyenziswe okanye zithengiselwe abantu namashishini.

